UYosefu, Ingcali *yama*Phupha

SABATHA EMVA KWEMINI

Funda Ukulungiselela Isifundo Sale Veki: *Genesis 37; Mat. 20:26, 27; Zenzo 7:9; Genesis 38; Genesis 39; Gen. 40:1–41:36..*

Indima Yenkumbulo: **"Bathetha omnye komnye besithi, Nanko lo mphuphi esiza!' "** *(Genesis 37:19)*.

Ibali likaYosefu *(Genesis 37–50)* liqulathe icandelo lokugqibela lencwadi yeGenesis, ukususela kumaphupha akhe okoqala eKanan *(Gen. 37:1–11)* ukuya ekufeni kwakhe eYiputa *(Gen. 50:26)*. Eneneni, uYosefu uxathula isithuba esikhulu kwincwadi yeGenesis kunalo naliphi inyange. Nangona uYose ingomnye nje koonyana bakaYakobi, uboniswa kwiGenesis njengenyange elitshatsheleyo, njengoAbraham, uIsake, noYakobi.

Njengoko siyakubona, kwakhona, ubomi bukaYosefu butyhila iinyaniso ezimbini zakwamoya: okokuqala, uThixo uyazifezekisa izithembiso zaKhe; okwesibini, uThixo unokujika ububi bube kokulungileyo.

Kwisifundo sale veki, sizakugxila kubomi bobutsha bukaYosefu. Ngunyana kaYakobi oyintandane, ngokuyimpoxo onesiqhulo *esingu-ba'al hakhalomot, "umphuphi" (Gen. 37:19)*, elithetha ngokuphandle "inkosi yamaphupha," ukubonisa ukuba uyingcungela emaphupheni. Eli gama lingena gingci kuye, kuba akaneli nje ukwamkela, aqonde, aze atolike amaphupha aprofetayo, koko uyawazalisekisa kanjalo ebomini bakhe.

Kwezi zahluko, sizakubona, kwakhona, ukuba isibonelelo sikaThixo siyaqinisekiswa, nkqu naphakathi kobubi nenkohlakalo yentliziyo yomntu.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha, Juni 11.*

Iinkathazo Zosapho

UYakobi, ekugqibeleni, uzinzile elizweni. Lo gama uIsake waye "ngumphambukeli" kuphela, ingxelo ikwathi uYakobi "wahlala ezweni" *(Gen. 37:1)*. Noko kunjalo, kwangungelo xesha, xa wayehleli elizweni, ekwathi kwaqala iinkathazo, kwesi sihlandlo ngaphakathi kusapho. Idabi alinanto yakwenza nokuxhamla ilizwe okanye ukusetyenziswa kwequla; kanye kanye, lelo, moya.

Funda: kwiGenesis 37:1-11. Candelo lini losapho elahlakulela ukuba abazalwana bakaYosefu bamthiye kangaka?

_____

_____

_____

Kwasekuqaleni, siyaqonda ukuba uYosefu, unyana wokwaluphala kukaYakobi *(Gen. 37:3)*, wayesonwabela ubudlelane obukhethekileyo noyise, "awayemthanda ngaphezu kwabo bonke *(Gen. 37:4)*. Wagabadela de wamenzela "ingubo ende eneminkhono" *(Gen. 37:3)*, ingubo yenkosana *(2 Sam. 13:18)*, uphawu lokuba yayi yinjongo efihlakeleyo kaYakobi ukumphakamisa uYosefu, unyana wokuqala kaRakeli, abe kwinqanaba lezibulo.

Ixa elizayo, ngokwenene, lizakuyiqinisekisa iminqweno kaYakobi kuba uYosefu kamva uza kufumana amalungelo ezibulo *(1 Kron. 5:2)*. Yiyo lo nto, ngoko, abakhuluwa bakaYosefu babemthiye kakhulu kwaye bengenako ukuthetha naye bexolile *(Gen. 37:4)*.

Kwakhona, uYosefu uzakuzisa iingxelo ezimbi kuyise ngako konke ukuziphatha okubi kubakhuluwa bakhe *(Gen. 37:2)*. Akukho mntu uyithandayo impimpi.

Ngoko ke xa uYosefu wayesabelana ngamaphupha akhe, ebonisa ukuba uThixo uzakumbeka kwisikhundla esithe qabavu kwanokuba bona, abakhuluwa bakhe, bazakuqubuda kuye, bamthiya ngakumbi. Imo eprofetayo eyinyani yala maphupha ikwagxininiswa ngakumbi kukuba ayaphindaphindwa *(bona kwiGen. 41:32)*. Nangona uYakobi wamkhalimela ngokungafihlisiyo unyana wakhe *(Gen. 37:10)*, wasigcina engqondweni esi siganeko, ecamngca ngentsingiselo yaso ekwalindele nenzaliseko yaso *(Gen. 37:11)*. Into exelayo kukuba, mhlawumbi, ngaphakathi kuye wayecinga ukuba kungakho nto kula maphupha kakade. Wayenyanisile, noko kunjalo ke zange azi lukhulu ngela xesha.

Funda kuMateyu 20:26, 27. Mmiselo mni obalulekileyo otyhilwe apha, kwaye singafunda njani ukubonakalisa ebomini bethu oko ukufundisayo?

_____

Ukuhlaselwa kukaYosefu

Nokuba zimasikizi kangakanani na iziganeko ezazikulandela, akunzima ukuziqonda. Ukusondelela, nkqu nokuzalana, omcaphukelayo ngokuqinisekileyo kuzakukhokelela, kungekudala, kwingxaki kuphela.

Kwaye kwenzeka.

Funda: kwiGenesis 37:12-36. Oku kusifundisa ntoni ngendlela eziyingozi nezikhohlakele ngayo iintliziyo ezingaguqukanga nento ezinokukhokelela nabani kuthi ukuba ayenze?

_____

_____

Abakhuluwa bamthiya uYosefu kuba babenomona ngenxa yokuthandwa nguThixo *(Zenzo 7:9)*, ukuthandwa okuzakuqinisekiswa kwinyathelo ngalinye leziganeko ezilandelayo. Xa uYosefu elahlekile, ufunyanwa ngumntu amalathisele *(Gen. 37:15)*. Xa abakhuluwa bakhe beceba ukumbulala, uRubhen uyangenelela acebise ukuba endaweni yoko makaphoswe ehadini *(Gen. 37:20–22)*.

Kunzima ukucinga uhlobo lwentiyo ebonakaliswe apha, ngokukodwa kumntu wakokwabo. La magatyana abafana ayenza njani into ekhohlakele ngolo hlobo? Abazange bacinge, nokuba ngumzuzwana, ngendlela oku okungaba nefuthe ngayo kuyise wabo? Nokuba yeyiphi na ingqumbo ababe nayo ngakuyise ngenxa yokuthanda uYosefu-ukwenza oku komnye wabantwana bakhe, ngokwenene, kwakumasikizi. Imbonakaliso emandla wendlela abanokukhohlakala ngayo abantu.

"Kodwa abanye babo [abakhuluwa] zange bonwabe; abazange bakufumane ukwaneliseka ababekulangazelela ekuziphindezeleni kwabo. Kungekudala kwathi thu iqela labahambi lisiza. Yayingumkhokho wama-Ishmayeli ngaphaya kweYordan, besiya eYiputa namafutha aqholiweyo nezinye izinto zokurhweba. UYuda wacebisa ngoku ukuba bamthengisa umninawa wabo kwaba barhwebi babangabahedeni endaweni yokumshiya ukuba afe. Lo gama ezakususwa endleleni yabo ngokuyimpumelelo, bazakuba msulwa egazini lakhe."—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, p. 211.

Emva kokumphosa emhadini, beceba ukumbulala kamva, umkhokho uyadlula, aze uYuda acebise kubantakwabo ukuba uYosefu athengiswe kuwo *(Gen. 37:26, 27)*. Emva kokuba uYosefu ethengiswe kumaMidiyan *(Gen. 37:28)*, amaMidiyan amthengisa emntwini eYiputa *(Gen. 37:36)*, ngalo ndlela e uzuko lwakhe oluzayo.

Kutheni le nto kubaluleke ngeyona ndlela ukufuna amandla kaThixo ukuze aguqule iimpawu ezimbi zesimilo ngaphambi kokuba zizibonakalise kwizenzo ezithile, ngathuba lithile ebomini bakho, ongenakuze nakanye ucinge ukuzenza?

UYuda noTamare

Ibali likaTamare aliphumanga mxholweni apha. Esi sehlo silandelelana ngexesha nokuthengiswa kukaYosefu eYiputa kwaye sivumelana nenyaniso yokuba uYuda uthe vumbululu wabshiya abantakwabo, nto leyo ekhomba kukungaboni ngasonye kunye nabo. Ukongeza, ingxelo idiza inani lamagama afanayo nemixholo kunye nesahluko esandulelayo, kwaye sithwele isifundo esinye sasemoyeni: isenzo esibi esiguqulwa sibe sisiganeko esilungileyo esiqhagamshele nosindiso.

Funda: **kwiGenesis 38. Thelekisa ukuziphatha kukaYuda kunye noko kukaTamare ongumKanan. Ngowuphi kwesi sibini olilungisa ngokuthe kratya, yaye kutheni?**

_____

_____

_____

_____

UYuda ufumana inkosikazi yomKanan *(Gen. 38:2)* nanoonyana abathathu kuyo, uEre, uOnan, noShela. UYuda unikezela uTamare ongumKanan njengenkosikazi kuEre, amazibulo akhe, ukuze aqinisekise umnombo onguwo. UEre noOnan besakubulawa nguThixo ngenxa yobubi babo, uYuda uthembisa unyana oligqibelo akhe, uShela, kuTamare.

Kuthe, emva kwexesha, xa uYuda ekhangeleka esilibele isithembiso sakhe, esiya kuzithuthuzela emva kokufa kwenkosikazi yakhe, uTamare wagqiba ekubeni azenze ihenyukazi ukuze amnyanzele afezekise isithembiso sakhe. Ngenxa yokuba uYuda engenamali izinkozo ukuhlawula ihenyukazi, angalaziyo, uthembisa ngokumthumelela kamva ibhokwe emhlambini wakhe.

UTamare, kwelinye icala, ufuna ukuba amnike, njengesibambiso sentlawulo, umsesane, isidanga, nomsimbelelo wakhe. UTamare uzakumitha kule ndibano iyodwa. Xa kamva, emangalelwa ngokuzenza ihenyukazi, uzakumbonisa ummangaleli uYuda umsesane wakhe nesidanga nomsimelelo wakhe. UYuda uyaqonda aze axolise.

Isishwankathelo seli bali libi kukuzalwa kukaPeretse, othetha “ukutyhoboza,” nothe, njengoYakobi, wangowesibini ukuzalwa, waba ngowokuqala, waza wabizwa ngegama kwimbali yosindiso njengokhokho kaDavide *(Ruth 4:18–22)*, ize kamva okaYesu Kristu *(Mat. 1:3)*. UTamare yena, unguwokuqala kubafazi abane, elandelwa nguRahabhi *(Mat. 1:5)*, uRute *(Mat. 1:5, 6)*, nenkosikazi kaUriya (*Mat. 1:6)* abathe ngokomnombo bandulela uMariya, umama kaYesu *(Mat. 1:16)*.

Isifundo esinokusithatha kweli bali: kwanjekuba uThixo wasindisa uTamare ngobabalo lwaKhe, eguqula ububi bube kukulunga, uyakwenjenjalo ukubasindisa abantu baKhe ngomnqamlezo kaYesu. Kwaye kwimeko kaYosefu, sizakuphequla iinkathazo zikaYosefu zibe lusindiso lukaYakobi noonyana bakhe.

UYosefu, iKhoboka eYiputa

Ngoku siphuthuma umsinga wamabali kaYosefu, “ophazanyiswe” sisehlo sikaTamare. UYosefu ngoku usebenza njengekhoboka “kumthetheli wabasiki,” owongamele entolongweni yamagosa asebukhosini *(Gen. 40:3, 4; Gen. 41:10–12)*.

Funda: kwiGenesis 39. Ujonge umzekelo kaYosefu esebenza njengomphathi phantsi koPotifare, zintoni izinto ezakhokelela kwimpumelelo enjalo?

_____

_____

Phantse kwangoko, uYosefu uboniswa njengendoda enempumelelo *(Gen. 39:2, 3)*. Wayelunge kakhulu yaza inkosi yakhe yamthemba ngeyona ndlela de “nento zonke yazinikela esandleni sakhe,” yamenza “umveleli wendlu yayo” *(Gen 39:4)*.

Impumelelo kaYosefu, noko kunjalo, ayimkhohlakalisi. Xa inkosika kaPotifare imqaphela ize ifune ukulala naye, uYosefu ngokungafihlisiyo uyalandula aze akhethe ukuphulukana nomsebenzi wakhe nokhuseleko lwakhe endaweni “ ‘yokwenza obu bubi bukhulu kangaka, ndone kuThixo’ ” *(Gen. 39:9)*. Umfazi, ehlazeke kukwala kukaYosefe, ithetha ubuxoko kwizicaka zayo nakumyeni wayo ukuba uYosefu ebefuna ukuyidlwengula. Ngenxa yoko, uYosefu uphoswa eziseleni.

UYosefu ungcamla apha oko sonke sikhe sanamava ako: ukuzi ushiyiwe nguThixo nkqu nangona, nakweli xesha linzima, “uYehova ubenoYosefu *(Gen. 39:21)*.

Ekugqibeleni, uThixo uyenza, kwaye unempembelelo kubudlelane bukaYosefu nomphathi wentolongo. Apha, kwakhona, njengakwindlu yenkosi yakhe, uYehova uyamsikelela uYosefu. Ngokuqinisekileyo yindoda enesiphiwo, kwaye nkqu naphakathi kweemeko ezimandundu ngoku (kakade, ngaphambili, wayesele elikhoboka!), uzama ukwenza okungcono ngoko. Nokuba zeziphi izipho zakhe, noko kunjalo, ingxelo iyithi theca elubala eyokuba, ekugqibeleni, yayinguThixo yedwa owamzisela impumelelo. “Umphathi wentolongo akakhathalelanga nto isesandleni sakhe, ngenxa yokuba uYehova ubenaye; zonke izinto ebesakuzenza, uYohoava ubeziphumelelisa” *(Gen. 39:23)*. Kubalulke kanjani ukuba bonke abanesiphiwo, bonke “abanempumelelo,” bakhumbule apho konke kuvela khona!

Funda kwiGenesi 39:7-12. UYosefu wazichasa njani intetho ezisondezayo zale nkosikazi? Kwakutheni uYosefu azatsho ngokutsolileyo ukuba ukwenza oko wayekucela yayizaba kukona kuThixo? Mqondo mni awubonakalisayo ngemvelo yesono nento esiyiyo?

_____

Amaphupha kaFaro

Funda: kwiGenesis 40:1-41:36. Amaphupha kaFaro angqamana njani nawababusi? Kubaluleke ngantoni oku kufana?

Ubume obungumsindleko beziganeko buyaqhuba. Emva kwexesha, uYosefu wenziwa umphathi wamabanjwa, namabini kuwo kwenzeka ukuba kuthi kanti ebefudula engababusi bakaFaro, umphathi wabangcamli nomphathi waboji *(Gen. 41:9–11)*. Bobabini bahlutshwa ngamaphupha abangakwazi kuwaqonda, kuba "akukho ulityhilayo" *(Gen. 40:8)*. UYosefu, ngoko, utyhila amaphupha abo ohlukeneyo.

Ngokufanayo nababusi ababini, uFaro unamaphupha amabini, ekungekho mntu unokuwatyhila *(Gen. 41:1–8)*. Kweso sithuba kanye umphathi wabangcamli ngomsindleko ukhumbula uYosefu aze amncome kuFaro *(Gen. 41:9–13)*.

Ngokufanayo namanye amaphupha, uFaro, njengababusi, ukhathazekile, kwaye njengabo uyawaxela amaphupha akhe *(Gen. 41:14–24)*, aze uYosefu awatyhile. Njengamaphupha ababusi, amaphupha kaFaro abonakalisa ukufana kwemifuziselo: ezi zihlo zibini zamathokazi ezisixhenxe (atyebileyo nanqinileyo) kwanje ngezi zehlo zibini zilandelalanayo zezokhwebu ezibini (ezityebileyo nezingcakacileyo) amele izehlo ezilandelalanayo zeminyaka emihle nemibi. Amathokazi asixhenxe afana nezikhwebu ezisixhenxe, kuphindwa umyalezo omnye, ubungqina bemvelaphi engcwele yawo, njengamaphupha kaYosefu *(Gen. 41:32; thelekisa neGen. 37:9)*.

Nangona uYosefu inguye owatyhilela uFaro iphupha, uYosefu uyibeka icace eyokuba uFaro uyazi ukuba yayinguThixo, u-*Elohim*, owabonisa ukumkani izinto Yena, Thixo, awayezakuzenza *(Gen. 41:25, 28)*. Kukhangeleka ngathi, naye, uFaro wawufumana umyalezo kuba, xa egqiba ukuba onyule umntu wokongamela ilizwe, ingxoxo yakhe yaba ngolu hlobo:

" 'Ekubeni uThixo ekwazisile konke oku, akukho bani uyingqondi, usisilumko njengawe. Uya kuba phezu kwendlu yam wena, bawuthobele umlomo wakho bonke abantu bam word' " *(Gen. 41:39, 40)*.

Kunika umdla kakhulu: masimbulele uThixo, uYosefu usuka ekubeni ngumphathi wendlu kaPotifare abe ngumphathi entolongweni abe ngumphathi kwiYiputa yonke. Ibali elinamandla ngendlela, naphakathi koko kukhangeleka ngathi ziimeko ezimbi, izibonolelo zikaThixo ziyatyhilwa.

Singafunda njani ukuthemba uThixo nokutshela kwizithembiso zakhe xa iziganeko zingabonakali ngathi ngumsindleko konke konke kwaye, ngokwenene, noThixo engathi uthe cwaka?

Ingcamango Ngakumbi: Funda ku-Ellen G. White, "Joseph in Egypt," pp. 213–223, in *Patriarchs and Prophets*.

"Kwiminyaka yobutsha, xa kanye babesuka ebutsheni bengena ebudodeni, uYosefu noDaniyeli bohlulwa kumakhaya abo basiwa ekuthinjweni kumazwe obudeni. Ngokukodwa uYosefu waba phantsi kwezihendo ezilandela iinguqu ezinkulu zethamsanqa. Kwikhaya likayise engumntwana ofekethiswayo; endlwini kaPotifare elikhoboka, waza walithemba nomlingane; indoda yemicimbi, efundisiwe ngemfundo, ingqwalasela, unxibelelwano nabantu; emhadini kaFaro njengebanjwa lombuso, egwetywe ngokungenalusini, kungekho themba lokuthethelelwa okanye inkangeleko yokukhululwa; ebizwa ngexesha lengxubakaxaka ukuba akhokele isizwe-yintoni eyambangela alondoloze intembeko yakhe? . . .

"Ebuntwaneni bakhe, uYosefu wafundiswa ukuthanda nokoyika uThixo. Amaxesha amaninzi ezintenteni zikayise, phantsi kweenkwenkwezi zaseSiriya, wabaliselwa ibali lombono wasebusuku waseBheteli, ileli esuka ezulwini ize emhlabeni, nezithunywa ezehla zinyuka, kunye naLowo wazityhila kuYosefu esetroneni engentla. Wabaliselwa ngebali longquzulwano ngaseYabhoki, xa, elahla izono ebezisenyongweni, uYakobi wema njengomeyisi, waza wafumana igama lokuba litshawe noThixo.

"Eyinkwenkwe engumalusi, esalusa imihlambi kayise, ubomi bukaYosefu obunyulu nobumsulwa balungela ukukhula kwamandla omzimba nawengqondo. Ngokunxibelelana noThixo ngendalo nokufunda iintaniso ezinkulu ezidluliswe njengelifa elingcwele ukusuka kuyise ukuya kunyana, wazuza amandla engqondo nokuzinza kwimfundiso.

"Kwingxubakaxaka yobomi bakhe, xa wayesenza olo hambo loyikekayo ukusuka kwikhaya lobuntwana bakhe eKanan ukusinga ebukhobokeni obabumlindile eYiputa, ejonga okokugqibela kwiinduli ezisithe iintente zezizalwane zakhe, uYosefu wakhumbula uThixo kayise wakhubula izifundo zobuntwana bakhe, waza umphefumlo wakhe uzaliswe sisigqibo sokuzibonakalisa njengonyanisekileyo-ezakusoloko esenza njengophantsi koKumkani wezulu."—Ellen G. White, *Education*, pp. 51, 52.

Imibuzo Yengxoxo:

❶ Thelekisa uYosefu noDaniyeli kunye noYesu. Ziintoni iingongoma ezifanayo? UYosefu noDaniyeli, ngeendlela zabo, bazityhila njani iinkalo zikaYesu nento azakufana nayo uYesu?

❷ Eklasini, thethani ngombuzo osekupheleni kwesifundo sangoLwesini. Sifunda njani ukumthemba uThixo xa izinto zingahambi kakuhle kuthi njengoko zenzayo, kamva, kuYosefu?